

Datacubed Health

Umgaqo-nkqubo wokuFihlwa

Umhla wokuQalisa ukuSebenza: 1 Epreli 2025

Intshayelelo

Ukufihlwa kwakho kubalulekile kuthi e-Datacubed Health. Lo Mgaqo-nkqubo wokuFihlwa (uMgaqo-nkqubo) ucacisa indlela esinokuqokelela, sisebenzise, kwaye sabelane ngayo ngeenkukacha zakho. Usebenza kwiwebhusayithi yethu, kwiinkonzo, kwiinkukacha, kwizixhobo, ukusebenzeni, ekuhlaziyweni, kunye nakwizinto ezifana nezi (ngokudibeneyo linkonzo). Unamalungelo amaninzi ngokubhekisele kwiinkukacha zakho. Nceda ufunde lo Mgaqo-nkqubo ngononophelo ukuze uqonde lento siyenzayo kunye namalungelo wakho.

Imigaqo Ebandakanyiweyo

Le migaqo ilandelayo yongeziweyo ibandakanywe kulo Mgaqo-nkqubo, ichazwe ngokupheleleyo apha:

- Imigaqo yoMsebenzisi weeNkonzo
- Umgaqo-nkqubo wokuFihlwa kwaBantwana
- Umgaqo-nkqubo we-Cookie

Singoobani

Siyi-Data Cubed, LLC d/b/a Datacubed Health. Kunokufikelelwa kuthi apha legal@datacubed.com kunye naku:

Datacubed Health
630 Freedom Business Center
3rd Floor
King of Prussia, PA 19406

I-Datacubed Health yinkampani yetekhnoloji eyenza isayensi engcono kunye noluntu olusempilweni lube yimpumelelo. Sisebenzisa izisombululo ezigxile kumntu ngamnye zokuthathwa kwedatha, kuquka ii-apps ze-smartphone, ezinto ezinxitywayo, zasekhaya, kunye neesensa zokusingqongileyo, kunxibelelwano olenziwa ukude nezigulane kunye nezifundo zaseklinikhi ezenziwa nge-intanethi. Ngokunxulumene nophando, ulingo, iinkqubo zophononongo, amaphulo othethathethwano nesigulane, okanye iiprojekthi esiziqhubayo egameni leenkampani kunye nemibutho yokunyamekela impilo (“Izifundo zoPhando lwaMayeza”) kunye namaziko emfundo (“Uphononongo lwezeMfundo”) (ngokudibeneyo “Iinkqubo Zophononongo”), ngamanye amaxesha siqokelela iinkukacha ezivela kuwe.

Xa ubona igama elithi “si,” nelithi “yethu” yazi ukuba kuthethwa ngeDatacubed Health. Xa kuthethwa “ngeqela lesithathu” kuthethwa ngomntu ongenguwe okanye ongesithi.

SingabaSebenzisi beenkcukacha zobuqu esizinikwa ngaBathathi-nxaxheba beKlayenti.
SingabaLawuli beenkcukacha zobuqu esizinikwa ngaBathathi-nxaxheba be-Datacubed Health.

Ungubani

Kulo Mgaqo-nkqubo, u-“wena” uthetha wena njenge:

- Klayenti - umqeshwa okanye ummeli weshishini elisebenzisa i-Datacubed Health
- Umthathi-nxaxheba weKlayenti - umntu ocelwe lishishini othathi-nxaxheba kuphononongo olwenziwa yi-Datacubed Health egameni leshishini elo
- Umthathi-nxaxheba we-Datacubed Health - umntu othathi-nxaxheba kuphononongo olwenziwa yi-Datacubed Health egameni layo

Wena njengeKlayenti unguMlawuli weenkcukacha zobuqu zoMthathi-nxaxheba weKlayenti osinika zona.

Sesiphi isiseko esisemthethweni esinaso sokucubungula iinkcukacha zobuqu

Sicubungula iinkcukacha zakho ngokusekwe kwi:

- Mvume osinika yona okanye oyinika iKlayenti yethu ngokunxulumene neziFundo esiziqhubayo. Unelungelo lokuyirhoxisa imvume yakho nangaliphi na ixesha. Unokurhoxisa imvume yakho yokuba sicubungule iinkcukacha zakho ngokuqhagamshelana nathi ku-legal@datacubed.com okanye ngokuqhagamshelana neKlayenti yethu, umxhasi weSifundo, ngokusebenzisa isayithi yeklinikhi apho uphando luqhutyelwa khona. Ucubungulo oluqhutywa ngokunxulumene neZifundo oluphantsi kwesiseko esisemthethweni “seMvume” lolu:
 - Ukuqokelelwa kweenkcukacha zobuqu kuBathathi-nxaxheba beKlayenti kunye nakuBathathi-nxaxheba be-Datacubed Health, kunye
 - Ukuqokelelwa kunye nokusetyenziswa kweenkcukacha zobuqu ukuze kunikezwe ngeNkonzo.
- Ukuya kuthi ga kwinqanaba elingenakudlula ngaphaya kwamalungelo akho aphantsi komthetho osebenzayo, kuMdla wethu woShishino oluseMthethweni. Ucubungulo oluqhutywa phantsi kwezizathu ezisemthethweni “zoMdla woShishino oluseMthethweni” kuku:
 - Phendula kwiinkonzo kunye nakwimiba yenkxaso yetheknoloji kunye nezicelo,
 - Fezeki izicelo zakho ozenzileyo kwiwebhusayithi yethu kunye nakwigumbi loncedo okanye ezithunyelwe ku-legal@datacubed.com
 - Velisa kunye nokuphucula iiNkonzo

Zeziphi iinkcukacha zobuqu esiziqokelelayo

NjengoMthathi-nxaxheba weKlayenti okanye uMthathi-nxaxheba we-Datacubed Health kuPhononongo lwezeMfundo, sinokuqokelela ezi nkcukacha zilandelayo xa ubhalisela ukuthathi-nxaxheba, kwaye uthathi-nxaxheba, kuPhononongo lwezeMfundo:

- Igama
- Idilesi
- Umhla wokuzalwa
- Indawo ozalelwe kuyo
- Idilesi ye-imeyile
- Igama lomsebenzisi
- Iinkcukacha ezivela kwimisebenzi yakho kunye nakwizixhobo ezisetyenziswa kwiiNkonzo
- Indawo oyisebenzisayo eneempawu ze-Geofencing, njengoko kufanelekile
- Iinkcukacha zefowuni
- Iinkcukacha ze-Bluetooth
- Amagama wabantu abasefowunini
- I-metadata yeseli
- I-metadata yomyalezo we-SMS
- Idilesi ze-IP
- I-metadata yamakhosi onxibelelwano
- Iinkcukacha zobuqu (ubuhlanga, isini, ubude, kunye nobunzima bomzimba)
- Imeko yezonyango
- Ithamo lechiza kunye/okanye iinkcukacha zokutshintsha kwethamo
- Indawo ekutofwe kuyo ichiza kunye neenkcukacha zomhla wokutofwa
- Idatha yeenkcukacha zophando lwezeMpilo, ezoQoqosho kunye neZiphumo zoPhando (HEOR).

NjengoMthathi-nxaxheba weKlayenti okanye uMthathi-nxaxheba we-Datacubed Health kuPhononongo loPhando lwezoNyango, sinokuqokelela ezi nkcukacha zilandelayo xa ubhalisela ukuthathi-nxaxheba, kwaye uthathi-nxaxheba, kuPhononongo loPhando lwezoNyango:

- Igama, kunye nefani ukuba uyafuna
- Idilesi ye-imeyile
- Iinkcukacha ezivela kwimisebenzi yakho kunye nakwizixhobo ezisetyenziswa kwiiNkonzo
- Indawo oyisebenzisayo eneempawu ze-Geofencing, njengoko kufanelekile
- Idilesi ze-IP
- Imeko yezonyango
- Ithamo lechiza kunye/okanye iinkcukacha zokutshintsha kwethamo
- Indawo ekutofwe kuyo ichiza kunye neenkcukacha zomhla wokutofwa
- Idatha yeenkcukacha zophando lwezeMpilo, ezoQoqosho kunye neZiphumo zoPhando (HEOR).

NjengeKlayenti, sinokuqokelela ezi nkcukacha zilandelayo:

- Igama
- Idilesi yeshishini
- Inombolo yefowuni yeshishini

- Idilesi ye-imeyile yeshishini
- Nawuphi na umyalezo osithumelela wona
- Iinkcukacha zokuhlawuliswa
- Ezinye iinkcukacha eziyimfuneko ukuze sinikeze ngeenkonzo zethu kuwe

NjengeKlayenti, unguMlawuli wezi nkcukacha, kwaye singabaCubunguli bezi nkcukacha.

Indlela esinokuzisebenzisa ngayo iinkcukacha zobuqu

Sisebenzisa iinkcukacha esiziqokelela kuwe njengoMthathi-nxaxheba weKlayenti okanye uMthathi-nxaxheba we-Datacubed Health ukunikeza ngeenkonzo kuwe. Sinokusebenzisa ezi nkcukacha ukusinceda sivelise kwaye siphucule iiNkonzo zethu, sifezekise izicelo zakho, kunye nezinye iinjongo ezivunyelwe ngumthetho.

Ukuba unguMthathi-nxaxheba weKlayenti, ucubungulo lwethu lweenkcukacha zakho kunyinwe koko kuvunyelwene ngako kwisivumelwano neKlayenti. Sabelana kuphela ngedatha engenakuchongwa ukuba yekabani neKlayenti, nomxhasi woPhononongo.

Sisebenzisa iinkcukacha esiziqokelela kwiiKlayenti ukuphendula imibuzo yakho kunye nokunika wena iiNkonzo.

Sinokwabelana njani ngeenkcukacha zobuqu

Sabelana ngeenkcukacha zobuqu nababoneleli bethu beenkonzo ngokuyimfihlo ukuze bakwazi ukunikeza ngeenkonzo kuthi, kuwe, kwaye basenze sikwazi ukunikeza ngeenkonzo:

- I-Amazon Web Services, Inc. (AWS) ibonelela ngeeseva eMelika (U.S.) kunye nase-Germany ezigcina zonke iinkcukacha zobuqu eziqokelelwe kuwe.
- I-Rocket Science Group LLC d/b/a Mailchimp, ese-U.S., isinceda silawule unxibelelwano olwenziwa nge-imeyile.
- Iqela le-Stefanini, elise-U.S., e-Belgium, e-Romania, e-China, e-Poland, kunye nase-Philippines, lisinceda ukulawula amatikiti enxaso
- I-Twilio, Inc., ese-Germany kunye nase-U.S., isinceda sithumele kwaye sifumane imiyalezo ebhaliweyo kwaye ibonelela ngeenkomfa ezenziwa ngevidiyo.
- I-Splunk, Inc., ese-Germany nase-U.S., kunye ne-Sisense, Ltd., ese-Germany kunye nase-U.S., isinceda sihlalutye kwaye sinikeze ngeengxelo zokusebenza ezimalunga neenkcukacha zobuqu

Ngokomyalelo weKlayenti zethu, sabelana ngeenkcukacha zobuqu nezibhedlele kunye neekliniki ezibonelela ngeenkonzo egameni leeKlayenti zethu.

Sinokwabelana ngeenkcukacha zobuqu norhulumente kunye/okanye ii-arhente zogcino-mthetho kangangoko sikholelwa ukuba kuyimfuneko ukuthobela umthetho, njengokuphendula iisamani okanye umyalelo wenkundla yamatyala, ukukhusela ibango elisemthethweni okanye

ukumisela okanye ukukhusela amalungelo ethu asemthethweni okanye ngenye indlela njengoko kuvunyelwa ngumthetho osebenzayo. Sizibophelele ekuhlalutyeni ukuba semthethweni kwayo nayiphi na isamani okanye umyalelo wenkundla yamatyala wokuveza idatha, ukuphikisana nesamani okanye nomyalelo wenkundla yamatyala, emva kohlolo olwenziwe ngononophelo, ukuba sigqiba ekubeni kukho izizathu zokwenza oko, ukufuna amanyathelo exeshana wokumisa iziphumo zesamani okanye zomyalelo wenkundla yamatyala de inkundla igqibe malunga nokufaneleka kokungavezi idatha yobuqu eceliweyo de ukwenza njalo kudingeke phantsi kwemithetho esebenzayo, kwaye kubonelelwe ngeenkukacha ezincinane ezivumelekileyo xa kuphendulwa isamani okanye umyalelo wenkundla, ngokusekelwe kwingcaciso efanelekileyo yesamani okanye yomyalelo wenkundla. Iinkukacha ekwabelwana ngazo zixhomekeke kwinto efunwayo kwiisamani okanye kumyalelo wenkundla.

Sinokuchaza iinkukacha zobuqu esinazo kwimeko esikholelwa ukuba iyimfuneko okanye ifanelekile ukuthintela izenzo zolwaphulo-mthetho, ukwenzakala, ukonakaliswa kwempahla okanye ukwenzakala emzimbeni. Iinkukacha zobuqu ezivezwayo zixhomekeka kwezo meko.

Sinokudlulisela iinkukacha zakho kumntu ozakulandela onomdla, nto leyo enokubandakanya kodwa ingaphelelanga kumntu wesithathu xa sithe samfumana, sathengiswa, kwathengiswa ii-asethi, sadityaniswa nabanye, okanye sapheliswa yimali. Imigaqo-nkqubo esebenza kwiinkukacha zakho emva koko inokumisela ngulowo kugqithiselwa kuye, ngaphandle kokuba oko akuvunyelwa ngumthetho. Iinkukacha zobuqu zalowo kugqithiselwa kuye ziya kubandakanya iinkukacha zobuqu eziqokelelwe ngendlela ekuchazwe ngayo ngasentla.

Nawuphi na umntu wesithathu esabelana naye ngenkukacha zakho uya kubonelela ngokhuseleko olufanayo okanye olulinganayo lweenkukacha zakho njengoko kuchaziwe kuMgaqo-nkqubo kwaye nanjengoko kufunwa ziZikhokelo ze-Apple App.

Siyigcina kwaye siyicobungule phi idatha yobuqu

Sigcina iinkukacha esiziqokelela kuwe kwiiseva esizinikwa yi-AWS yase-U.S. kunye nakwi-European Union (EU). Ngeenjongo zokuvavanya, iinkukacha esiziqokelela kuwe zisenokugcinwa kwiikhompyutha ezisetyenziswa ngabasebenzi bethu e-U.S. Iinkukacha esiziqokelela kuwe kwi-European Economic Area (EEA), e-United Kingdom (UK), kunye nase-Switzerland zinokuthunyelwa kwaye zigcinwe ngaphandle e-EEA, e-UK, kunye nase-Switzerland ngenxa yokuba imisebenzi yethu kunye nezinye iiseva zethu zibekwe e-U.S. Singena kwiKhontrakthi enamaGatya aMiselweyo ukuze sidlulise iinkukacha zakho ngaphandle kwi-EEA, e-UK, kunye nase-Switzerland. Siye sarhoxa kwi-EU-U.S. Privacy Shield Framework kunye nakwi-Swiss-U.S. Privacy Shield Framework njengoko imiselwe liSebe lezoRhwebo laseMelika malunga nokuqokelelwa, ukusetyenziswa kunye nokugcinwa kweenkukacha zobuqu ezidlulisiweyo ukusuka kwi-EEA nase-Switzerland zisiya e-U.S.; siya kuqhubeka nokusebenzisa i-Privacy Shield Principles kwiinkukacha zobuqu esizifumene ngelixa sithathi-nxaxheba kwi-Privacy Shield Frameworks. Ukufunda ngakumbi ngenkqubo ye-Privacy Shield, ndwendwela ku-<https://www.privacyshield.gov/>.

Singayigcina ixesha elingakanani idatha yakho yobuqu

Sinokugcina iinkcukacha zakho ixesha elide kangangoko kufuneka ngokomthetho. Ukuba akukho mfundo yomthetho iphikisayo, siya kuyigcina ixesha elide kangangoko sifuna ukuqhuba iiNkonzo. Sisenokugcina iinkcukacha zakho kangangexesha elithile elifanelekileyo. Umzekelo, apho umthetho wase-US usebenza, kwaye apho umthetho wase-US ufuna, sigcina iinkcukacha zezempilo ezikhuselweyo kangangeminyaka esi-7.5 okanye njengoko kufunwa okanye kuvunyelwa ngumthetho, kwaye apho iNkomfa yaMazwe ngaMazwe emalunga ne-Harmonization Guidelines for Industry Structure and Content of Clinical Research Study zisebenza, idatha yoPhononongo loPhando lwezoNyango igcinwa isithuba seminyaka engama-25 xa kugqitywe ukunikezwa ngeenkonzo okanye ixesha elide njengoko kufunwa ngumthetho wengingqi.

Ungasifumana kwawaphi amakhasi onxibelelwano kunye ne-Cookies

Ungasifumana ku-Facebook, ku-Twitter, kunye naku-LinkedIn. Xa undwendwela amakhasi wethu onxibelelwano, unokutshintsha umseto wee-cookies ezingabalulekanga ukuze unikeze ngeenkonzo ozicelayo. I-cookie yifayile encinci ebekwe kwisixhobo sakho eyenza iimpawu kunye nokusebenza kwewebhusayithi ye-www.datacubed.com. Umgao-nkqubo we-Datacubed Health Cookie uchaza ukuba yintoni i-cookies, ukusetyenziswa kwe-cookies zethu, kunye nendlela onokuzilawula ngayo ii-cookies. Ngaphandle kwezo cookies ziyimfuneko kwiNkonzo oyicelileyo, akukho cookie iya kuhlala kwisixhobo sakho, kwaye asiya kugcina naziphi na iinkcukacha eziqokelelwe kwii-cookie, ixesha elide kunokuba kuvunyelwa ngumthetho.

Amalungelo akho malunga neenkcukacha zakho

Unelungelo:

- Lokwazi ukuba siqokelela, sisebenzise, okanye sabelane ngeenkcukacha zakho njani kwaye ucele ukufikelela kwezi nkcukacha
- Lokucela ukuba silungise iinkcukacha zakho ukuba azichanekanga okanye aziphelelanga
- Lokusicela ukuba sicime iinkcukacha zakho ukuba
 - Iinkcukacha zakho azisafuneki ngenxa yeenjongo ebeziqokelelwe, zisetyenziswe, okanye kwabelwane ngayo yona
 - Urhoxisa imvume apho ukuqokelelwa, ukusetyenziswa okanye ukwabelana kusekelwe khona
 - Uchasa ukuqokelelwa, ukusetyenziswa okanye ukwabelana kwaye akukho mdlawungaphaya usemthethweni wokuqhubeka nokuqokelelwa, ukusetyenziswa okanye ukwabelana.
 - Uchasa ukuqokelelwa, ukusetyenziswa okanye ukwabelana ngeenkcukacha zakho ngeenjongo zokuthengiswa okuthe ngqo
 - Iinkcukacha zakho ziqokelelwe, zasetyenziswe, okanye kwabelwana ngazo ngokungekho semthethweni
 - Iinkcukacha zakho kufuneka zicinywe ukuze kuthotywe isinyanzeliso somthetho

- Iinkcukacha zakho ziqokelelwe ukuze kunikezwe iinkonzo ze-intanethi ebantwaneni
- Ukufumana isithintelo kuthi ekuqokelelweni, ekusebenziseni okanye ekwabelaneni ngeenkcukacha zakho ukuba
 - Uphikisana nokuchaneka kweenkcukacha zakho
 - Awuvumanga kuqokelelwe, kusetyenziswe okanye kwabelwane ngokubhekisele kumdlala osemthethweni kwaye sithathela ingqalelo into yokuba izizathu zethu okanye ezomdlala osemthethweni zeqela lesithathu ziyawodlula na umdlala wakho.
 - Ukuqokelelwa, ukusetyenziswa okanye ukwabelana akukho semthethweni, kwaye uyakuchasa ukucinywa kwaye ucele ukuba ukusetyenziswa kunyinywe endaweni yoko
 - Asisafuni zinkcukacha zakho, kodwa ufuna iinkcukacha zakho ukuseka, ukusebenzisa okanye ukukhusela ibango elisemthethweni
- Ukukwazi ukuzithathela kuwe iinkcukacha osinike zona kunye nokudlulisela ezo nkcukacha komnye umbutho apho ukuqokelela esikwenzileyo, ukusetyenziswa okanye ukwabelwana ngezo nkcukacha kuqhutywa ngeendlela ezizenzekelayo kwaye kusekelwe kwimvume yakho okanye ekusebenzeni kwekhontrakthi.
- Ukuchasa ukuqokelelwa, ukusetyenziswa okanye ukwabelana ngokubhekisele kwiinjongo zomdlala osemthethweni okanye ukwenziwa komsebenzi osemthethweni, ukuthengisa ngokuthe ngqo kunye nophando lwezesayensi/lwembali kunye neenkcukacha manani.
- Ukungaxhomekeki kwisigqibo esisekwe kuphela kucubungulo oluzenzekelayo (kubandakanya iprofayile) oluvelisa iziphumo zomthetho malunga nawe okanye olukuchaphazela kakhulu.
- Ukufaka isikhalazo kugunyaziwe olawulayo

Indlela owasebenzisa ngayo amalungelo akho

Ungafikelela, ulungise, okanye ucime iinkcukacha zeakhawunti yakho okanye urhoxise iakhawunti yakho nangaliphi na ixesha ngokuthi usithumele i-imeyile ku-legal@datacubed.com. Nceda uqaphele ukuba kwezinye iimeko sinokugcina iinkcukacha ezithile malunga nawe njengoko kufunwa ngumthetho.

Umthetho olawulayo

Imithetho ye-EU ilawula uMgaqo-nkqubo.

Iinguqu kuMgaqo-nkqubo

Lo Mgaqo-nkqubo kungokunje uQalisa ukuSebenza ngoMhla ochazwe ngasentla. Sinokuwutshintsha uMgaqo-nkqubo kumaxesha ngamaxesha, ngoko ke qiniseka ukuba uyawujonga ngamaxesha athile. Siza kuthumela naluphi na utshintsho olwenzekayo kuMgaqo-nkqubo kwiwebhusayithi yethu u-www.datacubed.com.